basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## FEBRUWARI/MATSHI 2015

## IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam inamaphepha ali-12.**

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijanra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa u-EWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa u-YINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Sisikolo saseLamontville.√ (1)

1.1.2 YiPhysical Science√neMathemathika.√ (2)

1.1.3 Luzobo ngqo.√ (1)

1.1.4 NguMpumelelo√kuba ekuqaleni ukuya ekupheleni kwebali lingaye √ifuthe lakhe liyavakala nokuba akekho√/iziganeko zonke zithandeleke kuye.√
[Nayiphi impendulo exhasayo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

1.1.5 Impixano ibangelwa libango lobuhlanga elenziwa nguMakhwetshu levenkile eyathengiselwa ikhaya lakwaNtsibande.√√ (2)

1.1.6 (a) B√ eThekwini.√
(b) A√ endleleni eya eStanger.√
(c) D√ esibhedlele eLusikisiki.√ (3)

1.1.7 Linika umfanekiso ntelekelelo womfundi ongentla kubo bonke abafundi ezifundweni.√√ (2)

1.1.8 Lisikrobisa kwisiganeko sokutshela emotweni kwabazali bakhe esiye saphazamisa ingqondo kaMpumelelo.√√ (2)

1.1.9 UMpumelelo uzotywe njengomlinganiswa onenzondelelo ophumelelayo kwizifundo zakhe de wangugqirha engasenabazali.√√ (2)

1.1.10 Kwingabula-zigcawu.√ (1)
**[18]**

### ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 Yinkulumbuso yaseTranskei.√ (1)

1.2.2 Yayingumsitho wokuvulwa kwesibhedlele esonganyelwe nguMpumelelo.√ (1)

1.2.3 Sinika intsingiselo yokuba indima edlalwa ngumntu ngamnye ibalulekile kwaye ukuze ibonakale kufuneka abantu basebenzisane ukuze ibe neziphumo ezihle.√√ (2)

1.2.4 Izifundo zoBugqi kwabalungiselela ukuya kufundela ubugqirha (preliminary course in Medicine).√/M.B.ChB ezibalule kwisebe elaziwa ngokuba yi 'neurosurgery'.√/uphando ngokusetyenziswa kwamayeza namachiza (drugs) ngokungekho mthethweni lulutsha lwelizwe jikelele.√/Ezonyango lwesifo sengqondo, umnqonqo nolwantwentwe lomzimba ngokubanzi.√

[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)

1.2.5 C Abantu abaziingqondi√/C√/abantu abaziingqondi.√ (1)

1.2.6 Lelokunyanga izifo zemiphunga√nelokunyanga izifo zikawonke wonke.√ (2)

1.2.7 Kwisiphelo sebali√kuba iziganeko zifike esiphelelweni nabachasi abasekho ebalini.√ (2)

1.2.8 Kukusweleka kwabazali bakaMpumelelo√√/kukuphazamiseka kwengqondo yakhe emva kwengozi yemoto eyabulala abazali bakhe√√/kukusinda kwakhe kwiyelenqe likaNozililo lokuhlatywa apho kwahlatywa umtshana kaNozililo.√√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.2.9 Kukuveza ukuba unyango lwesiNtu olwenziwa ngamaxhwele lunalo igalelo ekunyangeni isifo somhlaza.√ (1)

1.2.10 Siyahambelana kuba kuleli xesha kuthe qhakra ebomini bakhe ngokuthi abe ungugqirha wodumo ohlonitshwe lilizwe liphela kwizifo zengqondo nokuphucuka kophuhliso lwezempilo eLusikisiki ngokweminqweno yakhe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)
**[17]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Yi7B Ndende Sitalato.√ (1)

2.1.2 Ubungqina obunokubophelela uLinda etyaleni lokubulala uEddie noLulama.√√ Amazwi kaLinda athi uEddie makasebenzise imizuzwana amnika yona, adibane nesithandwa sakhe sesibini asixabisileyo.√√ (2)

2.1.3 C Isimntwiso√/C√/isimntwiso.√ (1)

2.1.4 '... amapolisa abuye ze mfondini.'√ (1)

2.1.5 Wamnika ubungqina bokuba uLinda umbulele uEddie kuba efuna ilifa.√√ (2)

2.1.6 Lizoba umfanekiso ntelekelelo wemoto ebethekileyo yaze yatyoboka engasacaciyo nokuba ibinjani kuqala.√√ (2)

2.1.7 Umbalisi ungomnye wabalinganiswa√kuba umbalisi usebenzisa oo 'ndi' noo 'nam'.√ (2)

2.1.8 Wamxelela ngenenekazi elalinxibe idyasi emfumamfuma elangena eRio Cinema alafuna kuncedwa√/Wamazisa ngemoto eyayimise esingeni kwaze kwafumaneka imizila yamavili azii*Road masters*√/Wamnika ulwazi nge*tape recorder* eyayibolekwe nguEddie.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.1.9 Atyhila ukuba uLinda uphila ubomi obuphucukileyo kuba ehlala kwindawo yabantu abazizinhanha.√√ (2)

2.1.10 Lokujiya kwezinto√ kulapho uphando lukaHlobo luye luthatha unyawo ngokuthi afumane ubungqina bokuqala obubophelela uLinda kwityala lokubulala uEddie.√ (2)
**[17]**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Ngabantu basemaphandleni abaphangela ezidolophini.√ (1)

2.2.2 Isiganeko sokubanjwa kukaLinda Monti onguNobuhle ngesityholo sokubulala uEddie osisithandwa sakhe.√ (1)

2.2.3 Linika intsingiselo yokuba abaphulaphuli babebaninzi kangangokuba yayiphuphuma indlu yamatyala.√√ (2)

2.2.4 Luvakalelo lokungabinaxhala√ kuba uLinda wayekhangeleka epholile ekhululekile nakwimbonakalo yobuso.√ (2)

2.2.5 Ngumfanekiso ntelekelelo wokurhangqwa kukaLinda ngamapolisa anezoso axhobileyo √√ (2)

2.2.6 (a) B√/endlini kaLinda.√
(b) A√/esingeni.√
(c) C√/eRio.√ (3)

2.2.7 Zisetyenziswa ngenjongo yokubonisa ukuba amazwi athethwa ngumlinganiswa buqu.√ (1)

2.2.8 Kukungahambisani kukaEddie nombono wokuthengiswa kweziyobisi eMoonglow Night Club xa abanye abaphathi babefuna njalo.√√ (2)

2.2.9 Kukubonisa ukuba ubugewu abuhlawuli.√√ (2)

2.2.10 Sibanika imfundiso yokuba kubalulekile ukuba abacuphi basoloko beqinisekisa ukuba bafumene ubungqina obupheleleyo ukuze baphumelele ukumbophelela etyaleni ummangalelwa.√√ (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 3: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

3.1 3.1.1 Emzini kaNdila.√ (1)

3.1.2 Wayengazirhoxelanga kuba yaba sisigqibo sentlanganiso yamalungu ekomiti emva kokuba eliphicothile ityala lakhe lokuziphatha emsebenzini.√√ (2)

3.1.3 Sinika intsingiselo yokuba iimbandezelo zisoloko zikho kubomi bomntu ade aluphale.√√ (2)

3.1.4 (a) C√/KwaMadala.√
(b) A√/KwaFuneka.√
(c) B√/E-ofisini kaLoni kwisikolo saseNobutho.√ (3)

3.1.5 A Ingxoxo√/A√/Ingxoxo.√ (1)

3.1.6 Sikwinqanaba lokuyondelelana lwezinto √/kuba kweli nqanaba kuvela eyona nto kuza kuxanjuliswana ngayo kweli ke ibali uNdila urhoxile emsebenzini, kwaye akayithandanga into ayenziwe nguMawonga uzimisele ukuziphindezela.√ (2)

3.1.7 Emva kwesiganeko sokuthunywa kukaLiziwe kuye kwagxothwa uNdila waze emva koko yena waceba ukuwisa uMawonga.√√ (2)

3.1.8 Uyacaphuka√/Unomsindo.√ (1)

3.1.9 Asikrobisa kwisenzo sokuziphindezela kabuhlungu kuMawonga esebenzisa uFuneka noZanele abamphalaza ngokumseza utywala wade waphelelwa ngumsebenzi.√√ (2)

3.1.10 Lihambelana ngokuba kule drama uMaziko udlale indima yokubasa imililo yokutshisa abantu njengoko eqale watshisa uNdila kuMawonga, waze waphinda watshisa uMawonga kuMadala.√√ (2)
**[18]**

## ISICATSHULWA E

3.2 3.2.1 Udlala indima yomzali okhathalayo.√ (1)

3.2.2 Emzini kaLoni.√ (1)

3.2.3 Yimpixano yangaphandle√ kuba iintetha zikaMawonga zibonisa ukungabikho kwemvisiswano kumba ahanjelwe ngawo nguRay noNomasoka.√ (2)

3.2.4 Asityhilela ukuba wayephazamisekile engqondweni.√√ (2)

3.2.5 Udlala indima yokuba ngumchasi.√ Izenzo zakhe zichasene neenjongo zomlinganiswa oyintloko onguMawonga ngokwalo mdlalo.√ (2)

3.2.6 Isivezela ukuba ungumlinganiswa onovelwano ongafuni ukuyekela umntakwabo eyele.√√ (2)

3.2.7 Iimeko zemali zimaxongo kuba uMawonga akezi namali endlini√ noThandiwe uyabethwa nguMawonga.√ (2)

3.2.8 Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa.√ (1)

3.2.9 Isonjululwe ngokuthi kubanjwe uNdila neqela lakhe emva kokuba uMawonga ezibulalele endlini kaFuneka ngokuzityisa ityhefu ebhalwe igama likaNdila.√√ (2)

3.2.10 Kukubonisa ukungalungi bokungafuni ukumamela./√ububi beziphumo zokwenza ububi √ (2)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 4: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa

## *UMHLAHLO NGAMEHLO* – LL Ngewu

## ISICATSHULWA F

4.1 4.1.1. NguTshayizule.√ (1)

4.1.2 Umangalelwe ngesityholo sokudlwengula uNompoxeko.√ (1)

4.1.3 Umbalisi ungaphandle kwebali.√ (1)

4.1.4 Sikwinqanaba lokujiya kwezinto.√ (1)

4.1.5 Kukuvezwa kwenyani ligqwetha limdiza elubala ukuba uNompoxeko wayekhe wathandana noZolani.√ (1)

4.1.6 (a) B√/Kwityala likaNonkanyezi.√
(b) A√/Kwindlela ebuya eholweni.√
(c) D√/Kwityala likaNompoxeko.√ (3)

4.1.7 Linika umfanekiso ngqondweni weliso.√ (1)

4.1.8 C.Imihlathi√/Imihlathi√/C.√ (1)

4.1.9 Sisiganeko sokubanjwa kukaZolani kwityala likaNonkanyezi.√√ (2)

4.1.10 Kwityala lokudlwengula uNompoxeko akazange abanjwe uZolani lachithwa ityala kuba umchopheli wathi bubuvuvu nje babantu abasebatsha.√

Kwityala lokudlwengula uNonkanyezi wagwetywa ukuba achithe ubom bakhe bonke entolongweni kuba babukho ubungqina obubambekayo.√ (2)

4.1.11 Sifanelekile kuba ukungabikho komntu wasetyhini khange abe namthetheleli uNompoxeko kuba ibingamadoda abechophele ityala bengenamvakalelo zamabhinqa kulo mba.√√

OKANYE

Asifanelekanga kuba xa kuchotshelwe ityala isini somntu asibalulekanga bubungqina kuphela obubalulekileyo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

4.1.12 Liyahambelana kuba waphoxeka ngokudlwengulwa ngumntu abesakuthandana naye laze lamphuncula ityala yaze inkundla yathatha icala likaZolani ngoko ke waphoxeka kakhulu.√√ (2)
**[18]**

## ISICATSHULWA G

4.2 4.2.1 LiseBhayi.√ (1)

4.2.2 Ngumfanekiso ntelekelelo womntu ongakwazi ukwenza nto, olele okomntu obhubhileyo.√ (2)

4.2.3 B Isibaxo√/Isibaxo√/B.√ (1)

4.2.4 Isityhilela ukuba izenzo zaso zazisele zimkruqule unina ngokunjalo nesimo sonyana wakhe.√ (1)

4.2.5 Kukubethwa kwesibhovubhovu saseBhayi senzakale saze salala esibhedlele.√√ (2)

4.2.6 (a) Ngumlinganiswa ongqukuva√ (1)
(b) Kuba isigebenga siye sabonakalisa ukuguquka kwizenzo zaso zokuqhekeza sele sifuna ukulumkisa ezinye izikrelemnqa. √√ (2)

4.2.7 Lithetha ukuba umntu ufela kuloo msebenzi awuthandayo, nalapha ebalini isibhovubhovu saseBhayi senzakele kumsebenzi waso wokuqhekeza.√√ (2)

4.2.8 Sinika intsingiselo yokuba uzenzile/sinika intsingiselo yokuba uzifake ngokwakhe engxakini.√√ (2)

4.2.9 Ngenjongo yokubonisa intetho ngqo yomlinganiswa, xa efuna ukubonisa imeko esasikuyo isithethi ngexesha esasithetha ngalo.√√ (2)

4.2.10 Kufumaneka imfundiso yokuba akulunganga ukubaphatha gadalala abanye abantu√/isiphelo sabenzi bobubi siba sibi ngokugqithisileyo.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

## UMBUZO 5: *VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli*

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | '... Libhabha-bhabha.'√ | (1) |
| | 5.1.2 | Kukudala isingqisho.√ | (1) |
| | 5.1.3 | Iintaka ziyatsholoza, iinyenzane zenz'inzwinini, √<br>Kodwa lona lithe cwaka, alivakalelwa. √ | (2) |
| | 5.1.4 | (a) B√/Iimpawu zebhabhathane.√<br>(b) A√/Iindawo ibhabhathane elihlala kuzo.√<br>(c) D√/Ubuhle bebhabhathane.√ | (3) |
| | 5.1.5 | Ubuhle bebhabhathane obubonwa yimbongi buwuthathe wonke umxhelo wayo.√√ | (2) |
| | 5.1.6 | Yisonethi√ unemiqolo eli-14√/inesestethi neokhthevi.√ | (2) |
| | 5.1.7 | (a) Yimvano-siphelo √<br>(b) Ngenjongo yokudala isingqisho. | (1)<br>(2) |
| | 5.1.8 | Ngumfanekiso ntelekelelo wobuhle obungapheliyo obumabala-bala.√√ | (2) |
| | 5.1.9 | Ibhekisa kwibhabhathane√ kuba ukusetyenziswa kwebinzana 'wena uzoyisile' kubonakalisa ukuba ithetha nalo ngqo.√ | (2)<br>**[18]** |
| 5.2 | 5.2.1 | Kubantu abamnyama.√ | (1) |
| | 5.2.2 | Ngumbongo oncomayo.√ | (1) |
| | 5.2.3 | (a) Luxwesiso.√<br>(b) Lusetyenziswe ngenjongo yokudala isingqisho.√√ | (1)<br>(2) |
| | 5.2.4 | Kunika intsingiselo yokuba inye kuphela le ndoda ikwaziyo ukwenza oku iza kuthetha ngako.√√ | (2) |
| | 5.2.5 | Ngumfanekiso ngqondweni weliso.√ | (1) |
| | 5.2.6 | Inoluvo lokuba ziimbongi zodwa ezinegunya lokuthetha nakanjani ebantwini.√√ | (2) |
| | 5.2.7 | Iyafana inamagama amathandathu kumqolo ngamnye.√ | (1) |
| | 5.2.8 | Zibonga xa kubekwa iinkosi √ ziqinisa umkhosi ngexesha lemfazwe.√ | (2) |

5.2.9 Kukukhumbuza uluntu ngamasiko√ kukuba neliso elibukhali√/ ukuthetha ngezinto ezibalulekileyo esizweni.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

5.2.10 Imbongi yonwabile√ imbongi igqamisa iimbongi ngemisebenzi yazo emihle engenakwenziwa nangubani na.√ (2)
**[17]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**